# Izilwanyana ezincancisayo nezinye izilwanyana

Amagama ______________________________

Umhla ______________________________

Ningamaqela amancinci, ncokolani ngomahluko pakathi kwezilwanyana ezincancisayo, izirhubuluzi, izinambuzane neentaka.

Amanqaku akho wabhale ezibhokisini. Bhala ezinye izinto ozaziyo malunga nezi zilwanyana zahlukileyo.

## Ezincancisayo



## Izirhubuluzi



## Izinambuzane



## Iintaka



Dlalani umdlalo wokuqashisela. Umntu omnye (inkosi) ucinga ngesilwanyana esithile ze abhale igama laso ephepheni engabonwa. (Esi silwanyana kufuneka sibe sesincancisayo, isirhubuluzi, isinambuzane okanye intaka.) Amanye amalungu eqela kufuneka azame ukuqashisela ukuba sesiphi esi silwanyana (esincancisayo, isirhubuluzi, isinambuzane okanye intaka). Amalungu eqela ngalinye kufuneka atshintshiselane ngokubuza imibuzo, emana ethatha emanqakwini lawa asezibhokisini. Inkosi kufuneka inike impendulo ethi "Ewe" okanye "Hayi". Bakube bebuze imibuzo bonke abantu eqeleni, kufuneka iqela liqashisele ukuba sisilwanyana esincancisayo, sisirhubuluzi, sisinambuzane okanye yintaka na. Umntu ngamnye eqeleni ufumana ithuba lokuba yinkosi.

Qinisekisa ukuba wonke umntu eqeleni lakho ufumana ithuba kulo msebenzi. Baphulaphule abanye, ungabaphazamisi. Zihloniphe izimvo zabanye nokuba wena unoluvo owahlukileyo kolwabo. Baphendule ngokukhululekileyo abanye.